PanSALB
PAN SOUTH AFRICAN LANGUAGE BOARD

## *ISIBHENGEZO ESIMEMA UKUTYUNJELWA KWABANTU KWIIKOMITI ZEELWIMI ZAMAPHONDO (PLCs) OLITHOBA ZE-PANSALB: EYEMPUMA KOLONI, EYASEFREYISTATHA, EYAKWAZULU-NATALA, EYASEMPUMALANGA, EYASEMNTLA KOLONI, EYASEMNTLA-NTSHONA, EYASERHAWUTINI, EYASENTSHONA KOLONI NEYASELIMPOMPO, NGOKOMTHETHO I-PAN SOUTH AFRICAN LANGUAGE BOARD ACT NO. 59 KA-1995, ICANDELO 8(8)(a).*

IBhodi yeeLwimi yoMzantsi Afrika (PanSALB) ihlaba ikhwelo lokutyunjwa kwamalungu ezi Komiti zeeLwimi zamaPhondo (PLCs) ngokweCandelo 8(8)(a) loMthetho iPanSALB Act, No. 59 ka-1995, ngothethwano namaLungu eBhunga loLawulo (MEC) amaphondo anoxanduva lwemicimbi yeelwimi kumaphondo awo.

I-PLC nganye kufuneka ibe namalungu angadlulanga kwishumi elinesithathu (13) ngokwezi zidingo zilandelayo:

1. Mayibe lulwimi lweenkobe lwakhe umntu atyunjelwa lona kwikomiti yephondo lakhe, abe ngummi woMzantsi Afrika nomhlali kwiphondo atyunjelwa kwiPLC yalo,
2. Abe nolwazi oluphangeleleyo ngazo zonke iilwimi ezisemthethweni zoMzantsi Afrika zephondo atyunjelwa iPLC yalo, kubandakanya
    - 2.1 Iilwimi zamaKhoi namaSan
    - 2.2 ULwimi lokuThetha ngeZandla loMzantsi Afrika, kwakunye
    - 2.3 NeeLwimi eziliLifa
3. Abatyunjwa kufuneka babe ngabathandi bolwimi kwaye bafake isandla kuphuhliso lweelwimi ngokucebisa kwezi nkalo:
    - 3.1 Imiba yezoguqulelo notoliko kwiphondo kubandakanya ukumisela, ukudibanisa nokwenza oovimba beenkcukacha ngezi nkalo
    - 3.2 Ucwangciso lwemiba yeelwimi nokuqulunqwa kwemigaqo yeelwimi
    - 3.3 Ezochazo-magama nophuhliso lwesigama,
    - 3.4 Ukwenza uphando ngemiba yeelwimi, kwakunye
    - 3.5 Nokubeka iliso kumalungelo eelwimi abantu kumaphondo abo (ulwazi ngezomthetho lubalulekile)
4. Kufuneka abatyunjwa babe nala maxwebhu alandelayo:
    - 4.1 Ikopi eqinisekisiweyo yeSazisi (ID) sobumi eMzantsi Afrika;
    - 4.2 Iikopi eziqinisekisiweyo zemfundo kwicandelo leelwimi nophando, kwakunye
    - 4.3 Nembali yamava efinyeziweyo (CV).

    Iifomu zokutyumba ziyafumaneka kuzo zonke ii-ofisi zePanSALB zamaphondo nakwi-ofisi enguNdlunkulu ePitoli nakwiwebhusaythi yePanSALB). Iifomu ezigcwaliswe ngokupheleleyo mazithunyelwe kwezi nkcukacha zilandelayo:

I-CEO yePanSALB; Gqr RRM Monareng
Ingqalelo: INtloko yeePLCs; N. Ndabezitha
Private Bag X08
Arcadia
0003